URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye*FET*

Isalathiso: 201801115-8213
13/1/1/2
Imibuzo: KuBalawuli beZithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0003/2018

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zeZikolo eziPhakamileyo

**Isihloko: Ukusiwa kweencwadana u-*Tips for Success* kubafundi baka-2018 beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) lilungise incwadana u-*Tips for Success* ukulungiselela umfundi ngamnye waseNtshona Koloni ka-2018 weSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ukubanceda ekulungiseleleni iimviwo zabo. Le ncwadana inika iingcebiso ngokufunda, iingcebiso ngeemviwo, iinkcukacha ngeebhasari, iingcebiso ngokuphumelela kwanenye ingcaciso eluncedo.

2. Le ncwadana mayinikwe umfundi ngamnye weBakala 12 kwikota yokuqala ka-2018.

3. Ukongeza kwiincwadana eziya kubafundi, kuya kufakwa iincwadi ezongezelelweyo kwisikolo ngasinye **kutitshala ngamnye weBakala 12**. Ezi ncwadana ziya kusiwa ngamagosa ezithili kuzo zonke izikolo eziphakamileyo.

4. Ukuba kuthe kanti inani leencwadana ezisiwe esikolweni alichanekanga, kucelwa uqhagamshelane ne-ofisi yesithili sakho. Iincwadana ezingaphezu kwemfuneko mazibuyiselwe kwi-ofisi yesithili.

5. Ukwenzela ukuba ezi ncwadana zibe nesiphumo esinqwenelekayo sokuncedisa abafundi ngamalungiselelo eemviwo zabo, **kucetyiswa ngamandla ukuba ootitshala mabaxoxe ngokuqulethwe yile ncwadana neeklasi zabo zeBakala 12** kwaye bakhuthazwe abafundi ukuba bayifunde.

6. Amaphepha emibuzo eemviwo ze*NSC* ezidlulileyo neememorandam zokumakisha zingafumaneka apha https://wcedonline.westerncape.gov.za/documents/Matric/matric-n/index.html

7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2018-01-19